ISAZISO:

IZITHUBA KWIKOMITI YOKUBALA NOKUHLOLA UKUSEBENZA KUKAMASIPALA

Kumenywa izicelo zabantu abaza kuthatha inxaxheba kwiKomiti kaMasipala waseOverstrand yokuHlola uLawulo nokuSebenza kukaMasipala.

Ezi Komiti zokuHlola zisekwe ngokoMthetho woLawulo lweZimali zikaMasipala 56 wowama-2003 nangokoMthetho weeNkqubo zooMasipala 32 wowama-2000. Amalungu aya kuhlawulwa ngokweentlawulo ezimiselwe nguVimba kaZwelonke ezikhutshwa amaxesha ngamaxesha.

Ezi komiti zenza umsebenzi wokuba liliso kulawulo luphela nendlela asebenza ngayo uMasipala waseOverstrand. Abamkelweyo baza kusebenza kule komiti ixesha leminyaka emithathu (3) emva koko ilungu lingaphinda limiselwe landiselwe ixesha ngeminyaka emithathu (3).

Ezi zilandelayo ziimfuno zokusebenza kule komiti:

(a) Ubuncinane makabe namava eminyaka emihlanu (5) njengelungu lekomiti yokuhlola;

(b) Imfundo yaseyunivesithi ekulo naliphi na ikhondo kula alandelayo:
- Izifundo zolawulo lwezimali
- Izifundo zolawulo (Uphicothozimali lwangaphakathi nezolwangaphandle, izifundo zeekhompuyutha, ulawulo lwabasebenzi)
- Ulawulo lomngcipheko
- Ulawulo lokusebenza
- Ulawulo loluntu
- Umthetho

Ukoleka kwezi zikhankanywe ngasentla abafakizicelo abanolwazi lwemithetho kamasipala nolawulo lukamasipala baya kufumana ingqwalasela phambi kwabanye.

(c) Ukungabi kwiikomiti zokuhlola zikamasipala ezingaphezulu kwesithathu (3) ngexesha elinye.

Xa usenza isicelo thumela iCV epheleleyo ubhale neleta ozithethelelayo kuyo uyithumele kuMlawuli kaMasipala, Overstrand Municipality, PO Box 20, Hermanus 7200 okanye uthumele i-imeyile iye ku-cgroenewald@overstrand.gov.za

QAPHELA: Iziqinisekiso zemfundo eziqinisekisiweyo mazithunyelwe neCV. Izicelo zabenzi-zicelo abangawathumelanga amaxwebhu afunekayo aziyi kujongwa. Nceda uqaphele ukuba awuyi kwaziswa ukuba sifunyenwe isicelo kwaye amaxwebhu axhasa isicelo awayi kubuyiselwa kumenzi-sicelo.

Umhla wokuvalwa kwezicelo: 09 Okthobha 2017

Ukuba awufumananga nto evela kuthi kwiiveki ezintandathu emva komhla wokuvala kwezicelo uze wazi ukuba isicelo sakho asiphumelelanga. Ibhunga linelungelo lokungaqashi.